# Isijwili se Afrika

Isijwili sikaNozala uAlkebulan

Ohh ziyakhala izidalwa zezwe,

Aniziva kusini na?

Ziyakhala iinkode, ayakhala amathambo amhlophe alal' ukuthula

Aniwava kusini na?

Ziyalila izithunywa zomoya

Aniziva kusini na?

Kowuu zitsho sona esikrakra, esikrabalazayo, sikrazula umxhelo sona isikhalo.

Kaloku zifuna indawo yazo kwizwe labo,

Zeni xelele osopolitiki angeke baliphathe ilizwe le Afrika ngaphandle kwabanikazi balo bomoya.

Kaz' kwakhala nyonin' kwelo mkhulu womkhulu?

Kaz' kwenzeka ntoni kwilizwe lomkhulu womkhulu?

Sesi man' ukukhombana, sikhononda, sikhonkothana, sikholisa utshaba-

Utshaba olutshabalalisa lutshayelela lusisa kwantshabalala.

Kwenzeka ntoni kubutyebi bendyebo ,

ukuchuma kwemvelo, ubuntu, amadla ,

ukukhanya kwe Afrka kanye ne sibonakaliso ezazi philisa isizwe.

Isijwili se Afrika

Watsho uNtsikane ka Gaba ukuba umntu omnyama onjenga manzi achithakeleyo anganakubuthwa.

Ohh sifela amatyala, atyabula ,izityalo, amatiletile nenzame zethu

Ohh sifela amatyala okhokho bethu

Ewe zisifulathele, zasikhafula zasizele ngomva izidalwa , ziqumbe zaqalekisa zathi qhelele ngqe kuthi

Ewe kaloku siphila phatsi kwesiqalekiso

Ewe kaloku nazinyemba nizonyelisa imboni nembonikazi zakwantu

Inga nilibele kusini na?

Nini abaphika niphikisa izibonakaliso zika Nonqawuse

Nini abathuka nithunika izibonakaliso zika Bawo Creto Mutwa

Nini abanyemba ninyola izibonakaliso zika no Nontetha Nkenkwe

Nini enavala indlebe nilumkiswa ngu Nxele ka Makhanda

Nanamhlanje nisamphika uBawo uZwilezwe Rhadebe

Ohh ndiyakhala

Eli linxeba elingenakuphola

Esi sisilonda esinaku thomalala

Africa was once but what happened its greatness, ndifuna unobangela

Ndinxwelerhekile, ndinxwayekile ndimanxeba nxeba-

Ngentsokola ebhuqa isidl'umzi inxele lika Khatsekile

Sibulalana sisodwa nje bantwana bomgquba kwenze njani.

Sizamile amatiletile, onakonako  namabona ndenzile, kodwa akulungi

Ndibolekeni uhadi ndilubethwe kanobom hlezi ziyophendula izidalwa ze Alkebul

Ohh sazibetha ngenyeke etyeni ngokulahla ezomoya zakwantu

Siyo zijuka ijacu sincame, lona itshoba liyo lala umbethe,

liyakusitshonela emini, siyoyikhaba lombekile.

siyophendula ezweni lomoya sesiwunabele uqaqaqa.

Kanti kufuneka kuze kuchitheke igazi elingakanani ukuze iAfrika ifumane ukukhanya

Ohh intloya iphuma emasini

Ohh sifunisa, singangelisa unobange , ukubaleka oxhongo akuncedi kwaphela

Itshilo inkosi yomoya uzwilezwe ukuba amandla omntu omnyama alale kwezomoya zakwantu.

Makulale iziphunzi mzi kaNtu

Makuzolwe ethongweni

Masibe moya mnye sizukulwana sika Mlenzemunye noMasonto

Masibuyeleni embоооо nina basembоооо apho besiphila ngomoya

Kutsho mna ihlubi elihle ingelengele izawa.

ISIJWILI SE AFRIKA !!